education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUARY/MARCH 2009

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-9.

IMIYALELO

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amathathu angala:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana Emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana Emifutshane (20)

2. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

3. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, ukuze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

4. Bhala cacileyo nacocekileyo, uwucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

6. **UBUDE BEEMPENDULO**

   ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esingama-340 – 390 amagama.

   ICANDELO B: Imihlathana Emide – Bhala i-100 – 120 lamagama (umxholo kuphela)

   ICANDELO C: Imihlathana Emifutshane – Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela)

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe SINYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

1.1 Ulwimi lwethu lwenkobe isiXhosa luya luphelelwa ngokuphelelwa ngokuhamba kwexesha. Bhala isincoko ngesihloko esithi, ***Xa ndinokuba ngumfundisi-ntsapho wesiXhosa.***

[50]

OKANYE

1.2 **Yila** isihloko esiliqhalo elingomboko wendlovu wandule **ukubhala** ibali eliya kuphela kwangeqhalo elo.



[50]

OKANYE

1.3 Kuyimfanelo ukuba umntu ngamnye abe nomhlobo wakhe osenyongweni. **Bhala** isincoko esichazayo ngesihloko esithi, *Umhlobo wenene.*

[50]

OKANYE

1.4 Umbane udlala indima enkulu kubomi bethu bemihla ngemihla nangona bekhona nabathi bazibone sele bengena ezingxakini ngenxa yawo. **Bhala** isincoko ngesihloko esithi, *Ukubaluleka nobungozi bombane eluntwini.* **[50]**

OKANYE

1.5 Imidlalo yenye yeendlela ezidibanisa imihlambi eyalanayo okanye abantu abaziintlaba zahlukane eMzantsi Afrika. Ingaba uyavumelana nolu luvo? **Xoxa.**

[50]

OKANYE

1.6 Abantu abaninzi basebenzisa izinto zetekhnoloji neziphucula iimeko zabo zokuphila. Ingaba ooNomyayi okanye iiSelula zibuphucule ubomi boluntu jikelele? Sebenzisa igama *OoNomyayi* njengesihloko sakho **ubhale** isincoko.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala i-100 – 120 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 Kubalulekile ukucwangcisa ixesha lisavuma, ukuzinikela ezifundweni nokugcina imithetho yesikolo kuba kuzala impumelelo kubafundi. Inqununu yesikolo ofunda kuso icele wena ukuba wenze intetho kubafundi bebanga le-10 (greyidi-10) kuba bebatsha. Bhala **intetho** yakho. **[30]**

OKANYE

2.2 Umalume wakho osisityebi osebenza eMelika ukuthumelele isiphokazi esihle. Bhala **ileta** wenze umbulelo. Chankcatha kula manqaku alandelayo kwileta yakho kodwa ungawasebenzisi njengezihlokwana:

- Inkcaza yesipho
- Indlela othe wavuya ngayo wakusifumana
- Indlela oza kusisebenzisa ngayo **[30]**

OKANYE

2.3 Abahlali bendawo ohlala kuyo bazibona bengahoyekanga ngenxa yokusilela kweenkonzo zikaRhulumente. Kunyulwe wena njengoNobhala wombutho wolutsha ukuba ubhale **iMemorandam** eya kuCeba, uzithi thaca iinkonzo ezisilelayo kule ndawo nezikhalazo zabahlali. **[30]**

OKANYE

2.4 Ingxoxo ishushu phakathi koMphathiswa wezemisebenzi namandla eMzantsi Afrika uxoxa neNkulumbuso yePhondo ohlala kulo, umba ophambili yingxaki yombane. Bhala **ingxoxo** yesi sibini. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 Umfundisi-ntsapho ophethe ibanga le-12 ucele wena ukuba umeme isithethi sembeko, size kuthetha nabafundi beli banga ngendlela zokuziphatha njengoko beza kuya kufunda kwizikolo zemfundo ephakamileyo kunyaka ozayo. Yila ikhadi lesimemo umeme isithethi eso. **[20]**

OKANYE

3.2 NjengoSihlalo webhodi elawula abafundi, bhala **imiyalelo** yezinto emazenziwe ngabafundi ukuze kuphucuke umgangatho weziphumo zokuphela konyaka kuwo onke amabanga kwisikolo ofunda kuso. **[20]**

OKANYE

3.3 Kunyulwe wena kwisikolo ofunda kuso ukuba uye kuba ziindlebe zabafundi kwintetho yoMphathiswa wezothutho uJeff Radebe engokhuseleko ezindleleni ngenxa yeqondo eliphezulu leengozi. Bhala **isingeniso sedayari** esinayo yonke intetho kaMphathiswa nezicwangciso zakhe zokuthoba iqondo eliphezulu leengozi.

[20]

OKANYE

3.4 Iqela lomculo lendawo ohlala kuyo likwiphulo lokongeza amalungu alo. Bhala **iPowusta** uvelise zonke iinkcukacha ezilindelekileyo kwilungu ngalinye elinomdla wokuzibandakanya neqela elo. Khetha naliphi na iqela elicula uhlobo lomculo owuthandayo.



[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100